Downloaded from eduresourceza.com

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:

| | | | |
|---|---|---|---|
| ICANDELO A: | Isincoko | | (50) |
| ICANDELO B: | Imihlathi | (2 x 25) | (50) |

2. Phendula umbuzo ubeMNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala ICANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Kunyanzelekile ukuba ucwangcise (usebenzisa isazobe/iflowutshathi/ amagama angundoqo, njl.njl), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngokucwangcisa PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.

6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kulo lonke uyilo ukuba uthe walwenza.

7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | Malunga nemizuzu engama-100 |
| ICANDELO B: | Malunga nemizuzu engama-(2 x 40) 80 |

8 Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

## ICANDELO A: IZINCOKO

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama-340–390.

### UMBUZO 1

1.1 Zaxananaza iingcinga ndakubizwa kuloo ofisi **[50]**

1.2 Ndibuchaza ndiphelelwe ngamagama ubuhle baloo ndawo **[50]**

1.3 Ukuba ndingaze ndiphinde ndingayithethi inyani **[50]**


1.4 Imfundo neziyobisi yinyoka nesele **[50]**

1.5 Ukuwongwa ngokusebenza kuyakhuthaza kutyhafise ngamanye amaxesha **[50]**

1.6 Kusenza amayilo ukukhetha phakathi kwemali nothando **[50]**

Qwalasela uze ukhethe ubemnye kwimifanekiso engezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo. Nombola impendulo yakho ngolu hlobo (1.7 okanye 1.8).

1.7



[Uthathwe ku www.pinterest.com] **[50]**


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

## ICANDELO B: IMIHLATHI

Khetha imihlathi ibeMIBINI kule ilandelayo uze ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100–120 (umxholo kuphela).

## UMBUZO 2

2.1 **I-IMEYILE**

Bhala i-imeyile eya kumhlobo wakho uvuyisane naye ngokuzuza isixamali kwilotto. **[25]**

2.2 **ISIVI NELETA EYIKHAPHAYO**

UTofu Mbinana unomdla kwisithuba somsebenzi esikwisibhengezo esingezantsi.

Bhala isivi yakhe neleta eyikhaphayo yokufuna lo msebenzi.

**ISITHUBA SOKUBA NGUMTHENGISI WEZINDLU**

**UXANDUVA LWALO MSEBENZI**

1. Ukuthengisa izindlu.
2. Ukucebisa abathengi ngexabiso lezindlu zabo.
3. Ukunceda abathengi ekurenteni nasekurentiseni ngezindlu zabo.

**IZIQINISEKISO ZEMFUNDO EZIDINGEKAYO**

1. Isatifiketi sematriki.
2. Idiploma/Isiqinisekiso sokuthengisa.
3. Isiqinisekiso sezifundo zekhompuyutha.

**IZAKHONO NAMAVA**

1. Ukukwazi ukuthetha nabantu.
2. Ukukwazi ukusebenzisa ikhompyutha
3. Amava onyaka kulo msebenzi.

**[25]**


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

2.3 **IRIVYU**

Bhala irivyu ngotyelelo lwakho kwirestyurenti ngosuku loomama/lootata. **[25]**

2.4 **INQAKU LEPHEPHANDABA**

Esikolweni sakho bekukho umsitho wokuwonga abafundi abaphumelele emagqabini kwizifundo, kwezemidlalo nakwezobugcisa.

Bhala inqaku lephephandaba ungumfundi obecholachola obekusenzeka kulo msitho. **[25]**

2.5 **INTETHO ESESIKWENI**

Bhala intetho oza kuyenza kulutsha lwengingqi yakho ngosuku lwamagugu malunga nokubaluleka kwenkcubeko yomntu. **[25]**

2.6 **INGXOXO YABABINI**

Bhala ingxoxo ephakathi kukaNathi noThobela. UNathi umele imbono yokuba ulutsha lucule iGospeli ngeli xesha uThobela amele eyokuba lukhe luyekwe luwucule umculo wAmapiyano. **[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 50**
**AMANQAKU EWONKE: 100**

eduresourceza.com


Downloaded from eduresourceza.com

